Isixhosa Ulwimi Lwesithathu P1 HG & SG November 2007

Uninzi lwabafundi ababhale iphepha lokuqala lesiXhosa uLwimi lweSithathu kuHlelo oluPhezulu (HG) luqhube kakuhle kakhulu kulo nyaka. Kukho izikolo ezisibhozo ezizuze iipesenti eziphakathi kwamashumi asibhozo anesine (84%) kunye namashumi alithoba anesixhenxe (97%). Sithi ngxatsho ke! kwabo titshala benze umsebenzi omhle noncomeka ngolu hlobo. Zibe zibini kuphela izikolo ezingaqhubanga kakuhle.

Esinye sazo size nembande yesikhova ngelixa esinye sizuze amashumi amathathu anesithathu (33%) eepesenti.

Kulo nyaka kubekho ububhetele kakhulu ekuphenduleni iCandelo A. Sibothulela umnqwazi ootitshala abathe bazithathela ingqalelo iingcebiso ngeli Candelo. Abanye abafundi abawuphendulanga kakuhle umbuzo wesithandathu apho bekufuneka basebenzise amagama abawanikiweyo kwizivakalisi ukuphuhlisa intsingiselo yaloo magama. Bayacelwa ootitshala ukuba basebenze ngalo mba. Abafundi bafuna ukufundiswa izigaba zentetho ezisisiseko solwimi ezifana nezibizo, izivumelanisi zentloko, izenzi, nezinye ukuze bakwazi ukuphendula lo mbuzo futhi bangabinangxaki ekuphenduleni iCandelo A.

Iziphumo zabafundi abachophele iimviwo kuHlelo oluPhakathi (SG) ziseyingxaki enkulu kakhulu nakulo nyaka. Abakwazi tu ukusibhala isiXhosa, abayiqondi imibuzo, nto leyo ethi ikhokelele ekubeni bashiye imibuzo Bengayiphendulanga, kungenjalo baphinde babhale imibuzo ukuzalisa izikhewu nokuhambisa ixesha.

Abanye babo bakhetha ukusebenzisa isiNgesi okanye isiBhulu ukuphendula iCandelo A.

Bayacelwa ootitshala kwakhona ukuba basebenze ngamandla ukuxhobisa abafundi phambi kokuba bachophele iimviwo zokuphela konyaka.